



The Office Of The Principal and Vice - Chancellor

**NJING. MS MAKHANYA, INQUNUNU NOSEKELA NGQONYELA
WEYUNIVESITHI YOMZANTSI AFRIKA
ULWAMKELO: ISIDLO SAKUSASA SOSHISHINO SENGQONYELA
IRENE COUNTRY LODGE, NELLMAPIUS DRIVE, IRENE**

10 CANZIBE 2019

Ndiyabulela Mbhexeshi Nkqubo, Gqirha Somadoda Fikeni: Mlawuli Weeprojekthi Ezikhethekileyo noMcebisi kaSekela Ngqonyela, kwiOfisi yeSekela Ngqonyela

- Ngqonyela yeYunivesithi yoMzantsi Afrika, ohloniphekileyo uGqirha Thabo Mbeki
- Nks Khanyakahle Mahlare, Umlawuli Wesigqeba Esilawulayo: Inkqubela Phambili Yeziko
- Basebenzi nababandakanyekayo eUNISA
- Malungu ecandelo loshishino

- Manene namanenekazi

Ndiyanamkela nonke ngezandla ezishushu kwaye ndiyabulela ngokuba nisiwonge ngokwamkela isimemo sethu sokubakho kwesi Sidlo Sakusasa Soshishino SeNgqonyela.

Niyazi, kukho intetho ehlekisayo nendala ethi: “Owu, laa mfo uneengalo ezimfutshane neepokotho ezinde!” Le ntetho ichaza umntu onqenayo ukufaka isandla sakhe epokothweni ngenjongo yokusebenzisa imali. Le ntetho ibalulekile xa ubani elumkisa isizwe ukuba siyiqoqoshe imali siqokelele ubutyebi, kodwa ayingeni ndawo kwiimeko ezifana nale sikuyo kusasa nje. Ngoko ke, manditsho ndithi ndithemba ukuna nize neepokotho ezizeleyo nezinzulu kakhulu kunye neengalo ezinde ngokwenene!

Ndivumeleni ukuba ndithathe nje imizuzwana embalwa ndikhe ndabelane nani ngemeko yethu egqubayo apha eUNISA, nokuba le meko ikhokelele njani ekubeni siguqule indlela esicinga nesisebenza ngayo ekuqinisekiseni ukuba asaneli nje ukuqhubeka, koko sibe nakho ukuvelisa izithwalandwe zodidi oluphezulu sizilungiselela ikamva elingenasiqiniseko.

Akuthandabuzeki ukuba iiyunivesithi eMzantsi Afrika zichatshazelwa kwaye zilawulwa kanobom ziimeko zopolitiko ezentlalo noqoqoqsho,

kwaye oku kuseza kuqhubeka ixesha elide, elingekabi nasiphelo sibonakalayo. Ngoko ke kukuthi, thina zinkokheli zeYunivesithi, ukulungiselela zonke iimeko ezinokuthi zisifikele lo gama zizama ukugcina nokukhulisa umgangatho nobuntshatsheli kumsebenzi wethu ongundoqo wokufundisa nokufunda, wophando nokuqamba kwanokuthatha inxaxheba emphakathini. Kufuneka sivelise abafundi abaya kuxhotyiselwa ukuba bakwazi ukuyihamba ngempumelelo le ndlela yale Nguqukazi Yorhwebo Yesine! Oko kuthetha ukuba kwiyunivesithi enkulu nembaxa njengale yoMzantsi Afrika, ebhalisa isinye kwisithathu sabo bonke abafundi boMzantsi Afrika, kuvela umngeni ongapheliyo nonzima ngokunzulu, ofuna iingqondo ezicinga izinto ngokutsha nezigxile kwiinkqubo zenguqu.

Ngomhla we-16 kweyoMnga ngowama-2017 owayesakuba nguMongameli, uJacob Zuma wakhupha isaziso sokuba urhulumente uza kungenisa inkqubo yemfundo yasimahla nexhaswa ngokupheleleyo ngurhulumente kubafundi bemfundo ephakamileyo abahluphekileyo nabakudidi lwabaphangelayo ukuqalela ngowama-2018. Oku kwenza umbhodamo, kwashiya abasebenzi nabafundi beYunivesithi bedidekile, bengazi ukuba le iza kuba yinkqubo enjani, eza kusebenza njani. Isiqhamo soko ibe kukuhlaziywa kweNkqubo Yebhasari Yemfundo Ephakamileyo (*DHET Bursary Scheme – NSFAS*), nkqubo leyo iqalayo ngoku ukuqondakala nokusebenza kakuhle,

nangona kukrokreleka ukuba isafuna ukusetyenzwa njengokuba imeko yezopolitiko iqhubeka kwaye kusiya kucaca ukuba ngabaphi abethu abafundi abaza kuxhaswa ngemali ekweliphi na izinga.

Kungoku nje silindele ukubhalwa komqulu woburhulumente malunga neSakhelo Sokuxhasa ngemali, ekuqikelelwa ukuba siya kugqitywa ngowama-2020, phofu kungekabikho kucaca kakuhle. Le meko ithetha ukuba thina, njengeeyunivesithi kufuneka siziqhubele ngokubona kwethu ude ugqitywe umsebenzi. Lo gama isakhelo sokuxhasa ngemali siseza kuphunyezwa njengomthetho, thina sesibona ukuhla kwenkxaso mali evela kurhulumente, kwaye kuyacaca ukuba le nkxaso mali iseza kucuthwa ngama-25% xa isakhelo sesiqalile ukusebenza. Kuyafuneka ke ngoko ukuba siyiqwalasele le meko xa sisenza izicwangciso zemali.

Ngaphezu koko, amanani okuqala abafundi ababhalisileyo abonisa ukuba siza kudlula kwinani lababhalisayo esilibekelwe liSebe Lemfundo Ephakamileyo (DHET). Mhlawumbi esinye isizathu sale nto kukuphokoka kwabafundi bengena kwinkqubo apho benokufunda simahla nokungafuni kwabanye ukuhlawula ukuba ngaba bangavumeleka ukuba bafunde simahla okanye baxhaswe ngemali. Siza kulwenza uhhlalutyo xa amanani selebuqinisekiswa ngoba okwangoku kusekutsha ukuba singanika okufunyaniswe

ngokuqinisekileyo. Nangona kunjalo, kufuneka sibonelele ngemali eli nani ligqithisileyo ekubhaliseni, phofu kungabonakali ukuba lingasingenisela imali, nokuba liwela kweliphi na icandelo – ngenxa yokuba kaloku iDHET isikhuthaza ukuba samkele bonke abafundi abaphumeleleyo!

Le miba mibini – intlawulo yemfundo nenkxaso ngemali – (phakathi kweminye emininzi) isichaphazela mandundu ngokwezimali thina njengeyunivesithi. Isichaphazela kwingeniso; ukusebenza kakuhle kweenkqubo namandla okusebenza kwazo nezidingo ezifana nenkxaso yabafundi nophuhliso lwezibonelelo; kwanendlela yokucwangcisa imali ekufanele ukuba siqhube ngayo ekuchankatheni kule mo isingqongileyo ikekele kangaka. Endinokukutsho kucace kukuba thina neSebe eli siza kufumanisa kwaye sisebenzise ezona zisombululo zinokwenzeka kule ngxaki sikuyo, kodwa kubalulekile ukuqaphela ukuba awona maziko achaphazeleka kakhulu ngala anabafundi abaninzi nabafanele ukufumana imfundo yasimahla. Kuloo maziko iUNISA inkqenqeza phambili.

Kucacile ke ngoko ukuba owona mngcipheko mkhulu weUNISA kukuhla kwengeniso, kwaye oku kuthetha ukuba kufuneka sicwangcise sijonge kwixesha elide elizayo. Olo cwangciso kufuneka lwenziwe ngeliso eliqaphela iintshukumo nophando olwenzeka

ehlabathini jikelele. Kufuneka siqinisekise ukuba ipeni nepeni esiyinikwayo isebenza ngokusemgceni nokuluncedo eUNISA ngokokusetyenziswa nangokweziphumo. Kufuneka sikwazi ukubonisa ixabiso lemali – oko kuthetha ukuba kufuneka siqinisekise ukuba sineenqobo ezilungileyo zokwaba imali. Ngaphezulu, kufuneka singabi nalusini ekuhloleni ngokuthe gqolo nasekuvavanyeni, siqinisekise ukuba abanini beeprojekthi balubamba nkqi uxanduva lwabo.

Le meko ikwathetha ukuba kufuneka sizimisele ngamandla ekuzingeniseleni imali ngendlela yesithathu. Ayisithi sedwa abakule meko. Lo ngumbandela oxakekise lonke icandelo lemfundo ephakamileyo, enesidingo esifanayo sokuqinisekisa ukuba siyayinyusa ingeniso kumaziko ethu, nabefudula engaxhotyiswanga (xa kujongwe uxanduva esilunikiweyo), engenazibonelelo zifanelekileyo ngokwezakhono namandla okusebenza, ukwenzela ukugxila kwingeniso yendlela yesithathu. Izinto ziyajika, kwaye zikhawulezile! Sithetha nje, ingcinga ekhoyo kukumisela ikomiti yoshishino olukhasayo kweli candelo lethu lamaziko emfundo ephakamileyo. Le ngcinga ihambelana nemigudu yeDHET ngalo mba, yona seyinomgaqo ocetywayo wendlela yokuphuhlisa inkcubeko yoshishino olukhasayo kumaziko ethu.

Nayo iUNISA iza kuba yinxalenye yaloo ngxoxo, kodwa okwangoku kufuneka siqhubele phambili ngokuzimisela kwethu ekuxhaseni esi sizukulwana ngoshishino olukhasayo. Okwakaloku nje, kufuneka senze imali eyaneleyo yokuzikhusela kwiimeko ezinokufika zingalindelekanga ngokwezentlawulo yemfundo nenkxaso mali, sizenzele nemali yokuphuhlisa izibonelelo zethu. Ekwenzeni njalo siya kuba sibeka izisekelo ezomeleleyo zoshishino olunomtsalane nolukwaziyo ukuqamba izinto ezintsha, nto leyo iya kuba luncedo olukhulu eUNISA kwixesha elide elizayo.

Simisele inkampani eyiUnisa Enterprise (Pty) Ltd, enenjongo yokwenza imali eninzi ngeendlela ezininzi ezifana nokurhweba ngobuncubabuchopho neemveliso zethu zemfundo, kwaye sivume isakhelo esitsha esimisela ngokusesikweni amasetyana aza kuququzelela iintsebenziswano, izivumelwano nezibophelelo, ngenjongo ephambili yokwenza imali nokwandisa ngokupheleleyo amandla okusebenza namathuba entsebenziswano akhoyo phakathi kwamaziko, oko kusenziwa ngokulandela icebo elaziwa ngokuba yi *Quadruple Helix Model approach*. Eli cebo lokusebenza lidibanisa amandla okusebenza oburhulumente, uphando namaziko obunzululwazi, iinkampani noluntu, kusetyenzelwe isiphumo esithile esinqwenelekayo. Yindlela esebenzisa ababandakanyekayo abaninzi, nesikholelwa ukuba iya kusiphathela oko sikudingayo. Sesiqalisile

ukuxhamla ezinye iziqhamo zempumelelo yeli lingelilicebo lentsebenziswano nesiliququzelela ngamandla.

Esi sidlo sakusasa singummangaliso sivelisa elinye ithuba elenziwe yiyunivesithi yethu ekuphuhliseni amandla okuzimela kwezezimali, khon'ukuze sibe nakho ukuqhubela phambili imbono yethu naxa kukho ukungaqiniseki kwiimeko zopolitiko nezezimali.

Manenekazi nani manene, imeko egqubayo ibeke uxanduva olukhulu emagxeni eeyunivesithi, kwiYunivesithi yoMzantsi Afrika ncakasana – kuba kaloku yona ibonwa ngabaninzi njengethemba labo ekukuphela kwalo ekuyeni kwikamva elingcono. Nina ke njengoosomashishini, niyabandakanyeka ekufakeni igxalaba ekwakhiweni ngokutsha kweli lizwe nesi sizwe sophukileyo. Ayikho enye indlela ethe ngqo nenemveliso endicinga ukuba ninokuncedisa ngayo ngaphandle kwemfundo. Iminikelo yenu kwiUnisa iya kuba lutyalo ngqo kwikamva: kwizizukulwana ezizayo, iinkokheli zangomso, ukukhula nophuhliso lwelizwe lethu kwixesha elizayo.

Ndiyabulela.